

Vuk'uzenzele

Ipapashwe liZiko lezoNxibelelwano nokuSasazwa koLwazi lukaRhulumente (i-GCIS)

English/isiXhosa

EyoKwindla 2023 Ushicilelo 1

UMongameli ubhengeze iMeko yeNtlekele

UMongameli u-Cyril Ramaphosa ubhengeze iMeko yeSizwe yeNtlekele – eza kuqala ngoku – njengelinge lokusabela kwingxaki yamandla ombane ekhoyo ngoku ejongene noMzantsi Afrika.

Kwezi nyanga zimbalwa zigqithileyo u-Eskom ebislwela ukugcina izibane zilayitiwe, nto leyo ekhokelele ekwanden iamanqanaba okucinywa kombane kunye nefuthe elibi kubomi, kwimo yempilo nakumashishini.

NgoLwesine mhla we-9 kweyoMdumba 2023, uMongameli ubhengeze iMeko yeNtlekele ngethuba esenza iNtetho kaMongameli engoBume beSizwe kwiHolo yeSixeko saseKapa.


"Ngamaxhesha anzima, kufuneka abe mnye umntu okanye iqumrhu elinika umkhombanidlela. Nanjengokuba silungisa izinto ezingunobangela wale ngxaki sinayo, kufuneka

siwujonge nomonakalo ewenzayo. Le ngxaki iya ithatha unyawo kwaye ithwaxa yonke into kwizwe lakuthi," utshilo uMongameli.

Wongeze ngelithi urhulumente kufuneka athathe amanyathelo okunciphisa ifuthe late ngxaki yombane kumafama, amashishini amancinci, iziseko ezingundoqo zamanzi, uthungelwano lwezothutho kunye nezinye iinkalo ezinzi kwakunye nezibonelelo ezichaphazela ubomi babantu.

"Ekuthatheni ingqalelo yonke le miba kunye nengxaki esikuyo, iZiko loLawulo iweNtlekele yeSizwe liye layichaza le ngxaki yamandla ombane kunye nefuthe layo njengentlekele yelizwe. Kungoko ke sibhengeza imeko yeSizwe yeNtlekele ukuze sijongane nengxaki yombane kunye neziphumayo," utshilo uMongameli Ramaphosa.

Ugxininise wathi le ngxaki yokunqongophala kombane yambethe ilizwe



UMongameli u-Cyril Ramaphosa ngexesa ethula iNtetho engoBume beSizwe.

ifuna ukuba urhulumente ayilungise ngokungxamiseki-leyo.

"Iimeko ezingaqhelekanga zifuna ukuthathelwa amanya-thelo angaqhelekanga. Ingxaki yamandla ombane ilubeka emngciphekweni omkhulu uqoqosho rentlalo yethu.

Kufuneka senze konke okusemandleni, ngaphandle kokulibazisa xa siphumeza la manyathelo," utshilo.

Iza kusebenza njani UMongameli uchaze wathi esi sibhengezo siza kwenza ukuba urhulumente abonelele ngamanyathelo asebenzayo ukunceda amashishini athe achatshazelwa ngumonakalo owenziwa yile ngxaki yokucinywa kombane.

"Imeko yentlekele iza kusinceda sikhazi ukuthaththa

Iqhube ka ekhasini lesi-2



SONA SPECIAL EDITION

SONA IN NUMBERS

LEAVE NO ONE BEHIND

PRESIDENT CYRIL RAMAPHOSA
STATE
— of the —
NATION
ADDRESS



Ukufunda uVuk'uzenzele khuphela i-GOVAPP kwi:



Khangela u- SA Government kwi-Google playstore okanye kwi-appstore

QHAGAMSHELANA NATHI



Vuk'uzenzele



@VukuzenzeleNews

Iwebhusayithi: www.gcis.gov.za I-meyili: vukuzenzele@gcis.gov.za

www.vukuzenzele.gov.za Inombolo yomnxeba: (+27) 12 473 0103

Tshedimosetso House:

1035 cnr Frances Baard and Festival streets, Hatfield, Pretoria, 00083

IPHEPHA-NDABA LASIMAHLA, ALITHENGISWA

Isuka ekhasini loku-1

amanyathelo abonakalayo afunekayo ukuze sixhase amashishini akwicandelo lokuveliswa nokugcinwa kokutya kunye nama-qumrhu asebenzisana neevenkile, kuquka noku-khutshwa kwejenareyitha, amacangca esola kunye nombane ongamane ucima," uqhube watsho.

Apho sinokukwazi ukwenzenka khona ngoko-buchwepheshe, uMongameli uthe iMeko yeNtlekele izakwenza ukuba ilizwe liyeku ukucinywa kombane kwiziseko ezingundoqo ezifana nezibhedele kunye neendawo zokucocwa kwanza.

"Futhi iza kusi-

nceda sikhawulezise iiprojekthi ze zamandla size siphungule nemithetho enobucukubhede obuninzi ngeli thuba siqinisekisa ukuba senza kangangoko ukukhusela okusingqo-nqileyo, silandela imigaqo yokuthenga iinkonzo kunye nelawula ubuchule obuse-tyenziswayo xa kusakhiwa," utshilo.

UMongameli Ramaphosa uqinisekise uluntu ukuba inkcitho enxulumene neMeko yeNtlekele iza kubekwa phantsi kweliso elibukhaliyi-ofisi yoMphico-thi-zincwadi Jikelele ukuze kugadwe ukusetyenziswa gwenxa kwayo nayiphi na imali efunekayo ukujongana nengxaki yezombane.

Ngaphaya koko, u-Mphathiswa wezoMbane

kwi-Ofisi kaMongameli kulindeleke ukuba aqeshwe ukuze aqwala sele kuhela ekonyuleneli lizwe kwii-ngxaki zombane ezikhoyo ngoku.

"Ndiza kutyumba uMphathiswa wezoMbane kwi-Ofisi kaMongameli ukuze athabathe uxanduva olupheleleyo lokongamela yonke imiba yokusabela kwingxaki yombane, kuquka nomsebenzi weKomiti yeSizwe ye-Ngxaki yezaMandla," utshilo uMongameli.

Wongeze ngelithi lo Mphathiswa uza kusebenza ngokusigxina kwaye asebenzisane nebhodi kunye nablawuli bakwa-Eskom ekupheliseni ukucinywa kombane kunye nokuqinisekisa ukuba iSicwangciso sokuSebenza soMbane

siyafezekiswa ngaphandle kokulibazisa.

UMongameli ukwathen uNondyebo weSizwe ugqibezela isisombulu kumthwalo wetyala lika-Eskom leebhiliyon ezingama-400 zeerandi ngendlela enobulungisa nengenamkhethe kubo bonke abachaphazeleyo, nto leyo eza kwenza ukuba iziko lombane likwazi ukwenza utyalo-mali olu-yimfuneko ekulondolozeni nasekuhanjisweni kombane.

"Urhulumente uza kumxhasa u-Eskom ukuze afumane inkxaso-mali eyo-gezelelweyo yokuthenga amafutha edizili de kuphele lo nyaka-mali. Oku kufanele kuphungule ubuzaza bokucinywa kombane nje-goko u-Eskom eza kukwazi

ukusebenzisa oomatshini bakhe abasebenzisa idizili xa inkqubo yokuhanjiswa kombane iphantsi koxinzelolo," utshilo.

U-Eskom sele ephehlele inkqubo yokuthenga umbane oyintalela kwii-nkampani zabucala ezi-velisa umbane kwaye sele ekwazile nokufumana umthamo oyi-300 MW kumazwe angabamelwane.

Ngaphaya koko, uMongameli wongeze ngelithi iNkonzo yesiPolisa yase-Mzantsi Afrika iseke iqela elizinikeleyo elineenkokeli eziphezulu ukuze lijongane nobuqhophololo obuzingisileyo nobusela kwizikhululo zombane ezininzi ezibe negalelo ekungasebenzeni kakuhle kwezi zikhululo.


● – [SAnews.gov.za](#)

SA beefs up protection for whistleblowers

President Cyril Ramaphosa says government is working on mechanisms to improve protection for those who blow the whistle on corruption.

"We are working to capacitate the Witness Protection Unit and will introduce amendments to the Protected Disclosures Act and Witness Protection Act to strengthen protection for whistleblowers," he said during the State of the Nation Address (SoNA).

President Ramaphosa said work is already underway to improve access to the witness protection programme for public servants who expose maladministration, corrup-



tion and unethical conduct.

"We will finalise the draft Public Procurement Bill to address weaknesses identified by the State Capture

Commission and improve efficiency, value for money and transparency. Our reinvigorated law enforcement agencies are taking firm

action against companies and individuals alleged to have been involved in state capture," President Ramaphosa said.

President Ramaphosa said the National Prosecuting Authority (NPA) Investigating Directorate, established in 2019, has taken 187 accused persons to court in 32 State capture and corruption cases.

"Over R7 billion has so far been returned to the State from State capture cases. To date, R12.9 billion of funds and assets have been frozen. This year, the Investigating Directorate will be established as a permanent entity within the NPA," he said.

These efforts are in line with

the President's appointment of the National Anti-Corruption Advisory Council in August 2022. The Council consists of people from across society who advise on suitable mechanisms to stem corruption, including an overhaul of the institutional architecture for combatting corruption.

President Ramaphosa said for the country to achieve any progress in addressing the urgent challenges it faces, there can be no compromise in building a capable and effective state. ● – [SAnews.gov.za](#)

Did you know?

You can report corruption to the Special Investigating Unit by calling **080 003 7774** or contact the National Anti-Corruption Hotline on **0800 701 701**



government
communications

Department:
Government Communication and Information System
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

Tel: 012 473 0353

Email: vukuzenzele@gcis.gov.za

Address: Private Bag X745, Pretoria, 0001

Head of Editorial and Production

Regomoditswe Mavimbela
Regomoditswe@gcis.gov.za

Acting Editor-in-Chief

Zanele Mgadi | Zanelemgadi@gcis.gov.za

Managing Editor

Tshepo Nkosi | Tshepon@gcis.gov.za

News Editor

Noluthando Motswai

Writers:

More Matshediso

Graphic Designers

Tendai Gonese | Benny Kubjana

Production Assistants

Jauhara Khan | Sebastian Palmer

Language Practitioners

Nomgcibelo Motha | Boitumelo Phalatse
Thandolunye Khulu | Mahanyele Ramapala

Vuk'uzenzele

is published by Government Communications (GCIS)



Distributed by:

ON THE DOT

Printed by:

RISING SUN PRINTERS
For Government Service

The material in this publication may be reproduced, distributed, or transmitted in any form or by any means, including photocopying, recording, or other electronic or mechanical methods, without the prior permission of the publisher on condition that this publication shall be credited as the source.



Ukusebenzela ukuba nombane ofikelelekayo

Isibhengezo sakutscha nje sokunyuswa kwamaxabiso ombane siza ngexesha elinzima kakhulu kubemi kanye namashishiningokufanayo, aseleejongene neendleko eziphezulu kakade zamafutha, ukuya kanye nezinye izinto ezibalulekileyo.

Yiyo loo ndihlabe ikhwelo kutsha nje lokuba ibhodi yakwa-Eskom ikhangele amanye amacebo aza kwenza ukuba lo myinge we-18.65% kuza kunyuswa ngawo ixabiso lombane kukhe kumiwe kancinci phambi kokuba ufakelwe.

Eli xabiso litsha livunywe nguMlawuli wezaMandla weSizwe waseMzantsi Afrika (i-NERSA) kulandela inkqubo emiselweyo, equka iindibano zokufakan imilomo nabantu abaninzi. Kubalulekile ukuba siqinisekise ukuzimela kwe-NERSA kanye nokubaluleka kokulandela inkqubo yomthetho efanelekileyo eku-miseleni amaxabiso.

Ixabiso elisekelwe kwindleko zokuvelisa umbane lifanelekile ukuze u-Eskom azinze ngokwezimali kanye nokuba le nkampani ikwazi ukuhlawula amatyala ayo kanye nokuqhube umsebenzi obalulekileyo wokukhanda kanye nokulungisa ukuze kuperliswe ukucinywa kombane.

Nangona kunjalo, kukho ukuthandabuza okuncinane bokuba ukonyuswa kwexabiso lombane ngoku, ngeli xesha linzima, kuza kongeza ubunzima abemi boMzantsi Afrika, ingakumbi



Afrika abajongene nabo. Ukyanya kwamaxabiso okutya nombane kwenza amaxabiso ezinto ezelula zokuziphilisa anyuke kakulu kwihiabathili phela, kwaye amahlwempu ngabona bantu bantlitheka kanobom. EMzantsi Afrika, amaxabiso okutya anyuke ngomyingwe-12% kulo nyaka uphelileyo.

Leyingxaki esijongene nayo: kufuneka siqinisekise ukuba u-Eskom unazo izixhobo azidingayo zokusombulula ingxaki yombane lo gama ekhusela abemi boMzantsi Afrika kwiziphumo zamabiso aphezulu.

Akukho sisombululo silula sale ngxaki. Yiyo loo nto bonke abachaphazelekayo, kubandakanya urhulumente, u-Eskom, amashihini, abasebenzi kanye noluntu, kufuneka basebenzisane beze nesisombululo esingazikudlelela mntu. Ngawo onke amaxesha, kufuneka sikhokelwe ziimfuno kanye nezinto ezelulutho kubemi boMzantsi Afrika, ingakumbi

abo bangathathi ntweni, ngoku nakwixesha elizayo. Kufuneka sizilumkele izisombululo zexeshana esiya kuthi sizisole ngazo kwiminyaka ezayo.

Njengorhulumente siza kuqhubeka siphumeza imigaqo-nkqubo kanye namanyathelo aza kunedza ukuba bungababhuqi kakulu ubunzima abantu abangathathi ntweni. Ukususela ngeentsuku zokuqala zolu lawulo lwentando yesinanzi, saqalisa umgaqo-nkqubo wokunikezela ngamanzi kanye nombane osimahla kumakhaya angathathi ntweni. Ukuba ngaba isibonelelo sasimahla sombane osisiseko siphunyezwe ngo-kufanelekileyo ngoomasipala, kufuneka sikhusele awona makhaya ahlwempuzekileyo kulwamvila lokunyuswa kwamaxabiso. Sizibophelele ngokupheleleyo kulo mgaqo-nkqubo.

Ezinye iinkqubo zokwandisa izibonelelo zezentlalo ziiska iinkonzo ezisiseko zempilo ezisimahla, ukungahlawuli imali yesikolo kwabafundi abaphuma kwiintsapho ezhilelekileyo, inkqubo yesondlo esikolweni exhasa abafundi abangaphezu kwezigidi ezelithoba kwilizwe lonke, nokubonelela ngemfundo yasimahla kumaziko emfundu ephakamileyo kubafundi abaphuma kwiintsapho ezhilelekileyo. Ukulingafakwa kwerhafuye-VAT, kwiimveliso zokutya okusisiseko kunedza ukuthoba iindleko kabantu abahluphekayo.

Umvuzo omiselweyo ongowona uphantsi wesizwe, owaphehlelewa ngowama-2019, uwuphucle umvuzo wabasebenzi abaninzi, ingakumbi abasebenzi basezfama, abasebenzi basemakhitshini nabanye abasebenzi abasesichengeni sokuxhatshazwa.

Enye iindlela urhulumente akhusela ngayo abantu abasokola kakulu ekwenyukeni kwamaxabiso ngokugqithisileyo kukusebenzia umgaqo-nkqubo wokhuphisiwo. Ngexeshalobhubhane, iKomishini yoKhuphiswano yasebenzia amandla ayo ukuthoba amaxabiso ovavanyo Iwe-COVID-19 kwaye ababoneleli abathi bafunyaniswa benetyala lokuba namaxabiso ahpelulu izigqubatheli zobuso bahlawuliswa kanobom.

iKomishoni yoKhuphiswano ibeka iliso kumaxabiso eentlobo zokutya ezisiseko, kwaye kutshanje ifumanise ukuba abathengi bebejengene nengxaki yokunyuswa ngondlela mnyama kwexabiso le-sunflower oil, amafutha okupheka asetyenziswa kumakhaya amaninzi.

Onke la malinge afana nesibonelelo sezentlalo esinceda amakhaya amaninzi ahluphekileyo ekuthwaxweni yingxaki yokunyuka kwamaxabiso. Urhulumente uqwalasela iindlela ezonegelelekileyo zokuhlangabezana nokunyuka kweendleko zombane. Oku kuquka ukuncedisa amakhaya kanye namashishini amancinci ukuba afakele umbane

wesola kanye nezixhobo zokonga umbane, ukuxhasa amakhaya ngezibane eztishajwayo, kanye nokusebenza nabafundi ukuze bakwazi ukufunda izifundo ebezibaphosile ngenxa yokuba umbane ubukhe wacima waze waphazamisa izifundo zabo. Kwiiveki eziyayo sizakukwazi ukunika inkcazel ethe vetshe ngala manyathelo kanye namanye.

Njengoko sisebenza kanye ukoyisa ingxaki yombane, ndihlabo ikhwelo kubo bonke abemi boMzantsi Afrika ukuba bawuhlawule umbane abawusebenzisayo. Singaphucula kwaye sandise ubonelelo lombane nezinye iinkonzo ezisisiseko kuphela ukuba urhulumente noomasipala ngokukodwa banazo iindlela zokwenza oko. Ukungahlawuli kanye nokufakela umbane ngokungekho mthethweni kwenza umbane ubize kakulu kwaye unga-zinzi.

Iindleko zokuphila kwihlabathi liphela zichazwe zinyuke ngomyingwe ongazange obonwe sesi sizukulwana, kwaye ziya zisenziwa mbi nangakumbi ziziganeko zehlabathi ezingaphaya kwamandla ethu.

Njengorhulumente siza kuqhubeka neenzame zethu zokwandisa izibonelelo zentlalo, njengokuba kwangaxeshanye sikhawulezisa iinzame zethu zokubuyisela unikezelo lombane oluthembekileyo nolukhuselekileyo. Siza kuqhubeka nokusebenzisana kakulu nawo onke amahlakan ezentlalo kanye namaqumrhu karhulumente ukuze sifumane iindlela ezingazileyo zokukhusela amakhaya aseMzantsi Afrika kwiziphumo ezibi kakulu zokunyuka kwexabiso lombane kanye nezinye iindleko.